## QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

## IMIYALELO KUBAMAKISHI

### Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

1.1 Kukwamkelwa okanye kukubukulwa ngemivambo esemzimbeni.√ (1)

1.2 Abanye bakubona kubulala amathuba okufumana imisebenzi√ ukanti abanye bakubona njengomqondiso wokuzibandakanya namaqela emigulukudu. √ (2)

1.3 Lithetha ukuba kusetyenziselwa ukuphalaza imbilini√/kusetyenziselwa ukwazisa abantu ngendlela ovakalelwa ngayo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.4 Kukuzenzela izikhumbuzo zasemzimbeni ngabahlobo nezihlobo zabo abazithandayo ezingasekhoyo.√ (1)

1.5 Iyantlukwano√/ukungavisisani√/ umahluko.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.6 'Lunamagingxigingxi.'√ (1)

1.7 Ingcinga yokuba inako ukwenzeka√√/Ingcinga yokuba iyakwazi ukwenzeka loo nto.√√

ÉcoleBooks

(Nayiphi na kwezi.) (2)

1.8 Bayanyaniswa nemigulukudu√/abantu abambono ezinxamnye nentlalo yoluntu.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.9 Kubonakalisa ukungayithandi imivambo√√/kubonakalisa ukungaqondi izizathu zabantu abenza imivambo√√/kubonakalisa ukungabinalwazi luphangaleleyo ngemivambo√√/kubonakalisa ukuba nocalucalulo ngakubantu abanemivambo√√/kubonakalisa ukungabamkeli√√/kubonakalisa ukungabathembi kwimicimbi yokukhokela.√√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

1.10 'Abaqeshi abathile bacinga kabini xa kufuneka baqeshe igqiyazana elibhalwe ngemivambo ngelishwa,bejolise kwimivambo hayi ukuba unazo na izakhono zomsebenzi ezifunekayo.'√ isenzo sidlelela abantu ngokwesini√. (2)

1.11 Amaqonga onxibelelwano alukhulisile ulwamkelo lwemivambo ngokusoloko ipapashwa rhoqo.√√ (2)

1.12 Zithe iindumasi zakuvela elubala nemivambo yazo uluntu nalo lwalandela ngobuninzi lwenza imivambo efana neyeendumasi.√√ (2)

1.13 Imivambo ilungile kuba ngokwenza imivambo ndenza okwenziwa ziindumasi.√√

**OKANYE**

Imivambo ayilunganga kuba yayanyaniswa nemigulukudu.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

1.14 OoSomashishini nabaqeshi kufuneka bangabacalucaluli abantu abanemivambo xa beqesha√/abazali kufuneka bacaciselwe ukuba imivambo yenzelwa ntoni ukuze bayamkele√/abantu abanemivambo kufuneka bangayifihli xa beyenzile kwaye baxele oonobangela bokwenza loo mivambo ukuze yamkelwe√/ Abantu mabakhunjuzwe ngemiba yocalucalulo nokuvakalisa izimvo zabo ngokukhululekileyo.√

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

1.15 Siyahambelana kuba isihloko sithi 'Izimvo ziyabetha-bethana ngemivambo esemzimbeni' sibe isicatshulwa sithetha ngeembono ezahlukileyo ngemivambo esemzimbeni.√√ (2)

1.16 Lulutsha√/Ngabantu ababhinqileyo√/Ziindumasi√/Ziimvumi.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.17 C√/C. Ukuzingca ngomvambo wakhe√/ukuzingca ngomvambo wakhe.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.18 Ungayichaphazela ngokuba abaqeshi bangangayiqeshi kuba becinga ukuba ungumgulukudu. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.19 Kuba ngumkhwa xa kusisenzo esenziwa rhoqo singayanyaniswa nobubi kuze kube ngumkhuba xa kusisenzo esenziwa ngabantu rhoqo sisayanyaniswa nobubi njengaxa siluphawu lokuzayamanisa namaqela emigulukudu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA**

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane)

| | UCAPHULO | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Izithuba ezininzi zemisebenzi azide zibhengezwe. ... abanye ukuba bayifumana ngokuba bebesazi ubani ekuthe kanti wazi ubani onolwazi ngesithuba. | 1. | Imisebenzi ngoku ifunyanwa ngokwazana nomntu owazi isithuba somsebenzi. |
| 2. | Bambi bangena kumaqonga onxibelelwano afana noo*LinkedIn*, uTwitter nooFacebook apho kukho imibutho yezifundiswa ezisebenza kwiikhariye ezahlukileyo'. | 2. | Iyafumaneka nangemibutho yezifundiswa ekumaqonga onxibelelwano. |
| 3. | 'Kuyenzeka ukuba umntu osebenza kwinkampani leyo akwazise ngaso ... Maxawambi abaqeshi bacela abasebenzi aba ukuba babafunele udidi lwabantu bade babahlawule bakumfumana umntu ochanekileyo.' | 3. | Abasebenzi benkampani ethile bangakwazisa ngokucelwa ngabaqeshi babo. |
| 4. | 'Basenokumrhwebesha kwenye inkampani ngesakhono sakhe esinqabileyo.' | 4. | Uyafumaneka nangokurhwebeshwa kwenye inkampani. |
| 5. | 'Iinjini zokukhangela imisebenzi ziyasetyenziswa'. | 5. | Ungasebenzisa iinjini zokukhangela imisebenzi. |
| 6. | 'Kwii*job fairs* eziyimiboniso apho abaqeshi bazisa abantu ngemisebenzi abanayo baze nabantu beze kujonga iindidi zemisebenzi ekhoyo begcwalisa amaxwebhu ngoko nangoko.' | 6. | Ii*job fairs* nazo ziyabazisa abantu ngemisebenzi zibanike namathuba okugcwalisa amaxwebhu babe sele besenziwa nodliwanondlebe. |
| 7. | 'Xa ... sele uzazi iinkampani onqwenela ukuzisebenzela, gcina uludwe lwazo, ungene kwi-intanethi, kwiwebhusayithi yenkampani leyo ungqale kwiqonga labo lokwazisa ngemisebenzi.' | 7. | Ngoludwe lweenkampani onqwenela ukuzisebenzela ungaya kwiiwebhusayithi zazo kwicala lemisebenzi ufumane izithuba abanazo. |
| 8 | 'Uyakwazi ukutsalela umnxeba ngqo kwinkampani ucele umsebenzi okanye iindlela zokunxibelelana ezifana ne-imeyile uthumele isivi yakho ihlale ihleli kubo'. | 8. | Ungaqhagamshelana nenkampani ngefowuni okanye nge – imeyile uthumele isivi yakho. |
| 9. | 'Abanye bangena bevolontiya basuke bazibone sele bekosisigxina into ababengayicinganga' | 9. | Ungaqala ngokuvolontiya uphele ukumsebenzi wesigxina. |
| 10. | 'Ubusazi ukuba kwinkampani ungaqala ngomsebenzi wethutyana uphele ukosisigxina ohambelana nezakhono zakho?' | 10. | Ungawuthatha nowethutyana hleze uphele usisigxina. |

## UKUBHALWA NGOKOMHLATHI

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

| **UMHLATHI** |
|---|
| Imisebenzi ngoku seyifunyanwa ngokwazana nomntu owazi isithuba somsebenzi, kanti nangemibutho yezifundiswa ekumaqonga onxibelelwano. Abasebenzi benkampani ethile bangakwazisa ngomsebenzi osezayo ngokucelwa ngabaqeshi. Bangabarhwebesha abasebenzi abakwezinye iinkampani. Ungazisebenzisa iinjini zokukhangela imisebenzi. *Iijob fairs* ziyabazisa abantu ngemisebenzi zibanike namathuba okugcwalisa amaxwebhu bade benziwe nodliwanondlebe kwalapho. Ngokwenza uludwe lweenkampani onqwenela ukuzisebenzela ungancedakala uye kwiiwebhusayithi zazo kwicala lemisebenzi ufumane izithuba abanazo. Uyakwazi nokuqhagamshelana nenkampani nangefowuni okanye nge –imeyile uthumele isivi yakho. Usengaqala ngokuvolontiya okanye uthathe nowethutyana. (70 amagama) |

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

ÉcoleBooks

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
  - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda uyokufika ekupheleni kwesivakalisi.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCANDELO C**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi eziphelelyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

3.1 Yinkonzo yezifundo ezongezelelweyo.√ (1)

3.2 Wemfundo√/wempumelelo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

ÉcoleBooks

3.3 Unxibelelane.√ (1)

3.4 Gxabhagxabhisa√kuphela.√ (2)

3.5 Sijoliswe kubafundi bebanga leshumi ukuya kweleshumi elinambini.√/ Kubazali abanabantwana abenza ibanga leshumi ukuya kweleshumi elinambini √ kuba inkonzo ethengiswayo yeyokuncedisa bona.√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

3.6 A√/lulwimi olujija ingqondo√/A.lulwimi olujija ingqondo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

3.7 Ntingela phezulu kwizifundo zakho√√/uya kunqandwa ziinkwenkwezi.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Bayathetha kuba amaqam asetyenziswe kwisakhelo sokuqala ngawokuthetha.√√ (2)

4.2 Kusekupheleni kwekota.√ (1)

4.3 B√/B.ulingano macala kwingxoxo yabo √/ulingano macala kwingxoxo yabo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

4.4 UAya umfulathele unina√√/ UAya akamjonganga unina√√/ UAya ujonge incwadi ngeli xesha unina athethayo√√/UAya umzele ngomva unina.√√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.5 Ndicinga ukuba uwafihla kuba asezantsi√√/ndicinga ukuba uwafihla kuba akekho mahle.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

4.6 Kukusibonisa ukuba ngaphaya kweziphumo kukho izifundo azifundayo umntu√√/xa iziphumo zingezihle umntu akanqweneli kuzivezela mntu√√/indlela abazali abaziphatha ngayo xa benikwa iziphumo yenza abantwana boyike ukuziveza xa amanqaku engekho mahle√√/ ukusibonisa ukuba amanqaku ewodwa awabalulekanga ukudlula isifundo osifumane kuwo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2) **[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Sikhokela isibizo√/sandulela isibizo√/siphambi kwesibizo.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.2 Sicacisa indawo.√ (1)

5.3 Ukuhlola kuthetha okubi okuza kwenzeka.√ (1)

5.4 Kukho abantu **abangenasiphiwo** sokuyincekelela into xa beyiqalile baqiniseke ukuba bayafikelela esiphelweni.√ (1)

5.5 Kukunika intsingiselo yokuba umntu usenza ngokwakhe isenzo kuye√/Kukunika intsingiselo yokuzenza.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



5.6 Abakhi√/Izakhi√/Isakhi.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.7 Luhlobo lokuqoshelisa√/Luhlobo lolandelelwano.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

5.8 Wayenyanisile umntu owathi√ akukho nto abakhi abaninzi abadume ngayo njengokuvukwa ngumtha wedolo. √ (2)

5.9 Kukutyhafa√/Ukuphelelwa ngamandla.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

ÉcoleBooks